INkampani yoBugcisa oBudlalwayo yaKwaZulu-Natala
eyabhengezwa ngokwecandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998 (uMthetho we-119 ka-1998) ngowoku-01 kuTshazimpuzi ngo-2003
PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Umnxeba: (031) 3699555, Ifeksi: (031) 306 2166, Iinkonzo zemveliso Mayville, Umnxeba (031) 208 4171 Ifeksi: (031) 208 4162
Idilesi yeimeyili: info@playhousecompany.com; http://www.playhousecompany.com

I-PLAYHOUSE COMPANY
ISIMEMO SOKUFAKA ISICELO SENTSEBENZISWANO – ISALATHISI PHC 57/2018

UKUYILA, UKUVELISA, UKUNIKA NOKUFAKELA II-SPIRALIFT E-OPERA THEATRE ESE-PLAYHOUSE ETHEKWINI.

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe ngokweCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko ka-1988 ukuze likhuthaze ubugcisa nenkcubeko kwiphondo laKwa-Zulu Natala.

I-Playhouse Company imema abaniki-zinkonzo abanamava nabafanelekileyo ukuba bafake izicelo zentsebenziswano zokuyila, ukuvelisa, ukunika kunye nokufakela ii-spiralift ethiyetha.

Umsebenzi oza kwenziwa uquka phakathi kwezinye izinto, oku kulandelayo*:*

- Ukulungisa izinyusi zaseqongeni ezihlanu (5) eOpera Theatre nokuphucula izinyusi zeorkhestra ezifakwa emngxunyeni;
- Ukunika i-*software* eza kwenza kube lula ukusebenzisa izinyusi zeqonga neya kuthi kamva imanywe kubuxhakaxhaka boomatshini abaseqongeni;
- Ukufaka zonke izixhobo (motors) ezitsha ezikumgangatho womngxunya weqonga nokukhweza amaqonga ahambayo kwizinto ezinyusayo;
- Ukusebenzisa kwakhona amaqonga akhoyo;
- Ulawulo lobuxhakaxhaka boomatshini bangaphezu nangaphantsi kweqonga kufuneka lwenziwe kwiindawo ezimbini;
- Icandelo elinamaqhosha olawulo kufuneka ibe lolwemivo (lube dijithali) kwaye lukwazi ukususuwa endaweni oluzinze kuyo;
- Ukunika iCPU/PLC enovimba (backup);
- Ukunika zonke izixhobo ezifunekayo zokhuseleko nolawulo lokungena;
- Ukuqeqesha abasebenzisi kunye nokunika inkxaso yobuchule eya kusoloko ifumaneka xa ibizwa okanye eya kusoloko ikho kwi-intanethi iintsuku ezisixhenxe ngeveki;
- Ukuthobela imithetho nemigangatho elawulayo.

Izinto eziyimfuneko ngaphambi kokuba ufumane ilungelo lokwenza lo msebenzi zidweliswe apha ngezantsi:
- Kufuneka inkampani ibe ibhalisiwe kuVimba onguNdoqo weeNkcukacha zaBaniki-nkonzo kaNondyebo kaZwelonke (i-C.S.D);
- Isiqinisekiso sokuhlawula irhafu esisemthethweni okanye i-pin enikwa nguSARS zizinto ezinyanzelekileyo ukuba ibe nazo inkampani;
- Iingxelo zemali zakutshanje eziphicothiweyo zeminyaka emi-3 egqithileyo;
- Izicelo zentsebenziswano kufuneka zisiwe ngumntu ngenkqu kule dilesi ikhankanywe apha ngezantsi.

Amaxwebhu eziniki-maxabiso aza kufumaneka kwiOfisi eyiNtloko yasePlayhouse Company, 29 Acutt Street ukusukela ngentsimbi ye-10h00 ngomhla wesi-**02 kweyoKwindla ngo-2018.** Kuhlawulwa umrhumo ongabuyiswayo wama-R 350 oziinkozo kuMnu. Sudesh Harilal (umnxeba 9443) ukuze lufumaneke uxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Kuza kubanjwa indibano enyanzelekileyo yokuhlola isiza ngomhla we-**09 kweyoKwindla ngo-2018 ngentsimbi ye-10h00** ePlayhouse Company Alhambra room, 231 Anton Lembede Street, Durban 4001.

Umhla wokuvalwa kokufakwa kwezicelo ngumhla wesi-**02 kuTshazimpuzi ngo-2018 ngentsimbi ye-11h00**. Azisayi kunikwa ngqalelo izicelo ezifike emva kwexesha. Izicelo mazifakwe kwimvulophu/ipakethe etywiniweyo zize zibhalwe ngokucacileyo ukuba ziya kwiNgqonyela yasePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4001.

Xa unemibuzo ungaqhagamshelana noMnu. Siya Manqele kule nombolo yomnxeba ethi 031- 369 9507 okanye kule dilesi ye-imeyili accountingassistant@playhousecompany.com